Imbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (22 January 1924), page 7

**U Kawulezis' Amaxesha**

U Kawulezis' amaxesha ligama lalo "Vilikazi" inkulu kunene, ndayibonayo,—ijikelezisa i Zulu no Mhlaba no Lwandle, nento zonke ezikwezonto; igoba, igunxula, ipakamisa izikumkani, nentlanga, nabantu, nenteto, nelwimi. Endiyiyaleza kakulu ngalemihla yokungena komnyaka ndisiti, kufanelekile ukuba ijongwe kuba isimo sezinto sitambe kile,—Ngako oko:—

"Vukani kusile, Magwalandini!"
"Vukani kusile, Magwalandini!!"
"Yabinz' inkwenkwezi isixelela,— "
"Latet' ixilongo lisibizela."
"Sibe kuninik' ubukumkani"
Nabushunqula"
"Sibe kuninik' inteto,
Nayishunqula"
"Sibe kuninik' umhlaba"
Nawushunqula"
"Sibe kuninik' imfundo"
Nayishunqula"
"Sininike ntonin' ezweni apa?"
"Sininike ntonin' emhlabeni apa?"
"Aninike ntonina u Tixo nonyaka nje?"
"Kub' iyegqit' i Vili Yake yamaxesha"
"U Kaulezis-amaxesh' i Gama layo!"
"Azi bantu banin' aba banj' inkani zabo?"
"Azi bantu banin' aba banj' ipike labo?"
"Ndiyakuhlala[1] ndinani pi na ndingumntu nje?"
"Ndingumntu nj' int' ehlal' ihlal' ihambele!"
"Ndingumntu nj' int' ehlal' ihlal ifuduke!"
Ndingumntu nj' int' ehlal' ihlal' igoduke!!!
Ncincilili!!

[1] Ndiyakuhla.